NATIONAL TREASURY

Umkhombandlela woluntu…

# Ulwabiwo mali luka 2009

## Luyintoni ulwabiwo mali lukaZwelonke?

**Minyaka le ngeyoMduba (Februwari) uMphathiswa wezeMali ubhengeza indlela uRhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela uRhulumente azakuboleka imali ngayo kuleminyaka emithathu ezayo. Le nto ibizwa ngokuba Lulwabiwo mali lukazwelonke. Icacisa ngendlela imali ezakwabiwa ngayo phakathi kwamanqanaba kaRhulumente kuzwelonke, kumaphondo nakomasipala.** **Amagqabantshinsthi olwabiwo mali ayaqhubekeka kwi phepha 3...**

# Kusezakubanzima



Imo yezoqoqosho kwilizwe jikelele ikwimeko emaxongo ukodlula iminyaka edlulileyo. Ingcaciso ephuma kwiziko i International Labour Organisation ithi, bangaphaya kwe 18 miliyoni abantu abanokulahlekelwa yimisebenzi kulo nyaka. Eli ziko likwathi, elinani lisenokonyuka ukuba izinto azibingcono. Onke amazwe omhlaba ayachaphazelwa yile ngxaki. Inkcazelo ephuma kumazwe afana ne Melika, iNgilane ne Fransi iyothusa. Umzantsi afrika wona awuchaphazeleki kakhulu yile meko yaye urhulumente uzama ukuba izinto zihlale zikwimeko encumisayo. Kananjalo urhulumente ufuna ukwenza izinto zibe ngcono ukuze akwazi ukuhlala ehlangabezana nemfuno zoluntu jikelele.

Umzantsi afrika ke awahlukanga kwamanye amazwe kuba amandla okukhula kwezo qoqosho aphantsi kakhulu. Nathi sijongene nengxaki yabantu abaphelelwa yimisebenzi yaye abaninzi abakwazi nokubhatala amatyala abo njengesiqhelo. Xa imeko yezoqoqosho ikhula kancinci oorhulumente nabo baqokelela irhafu encinci. Lo nto ke ithetha ukuba urhulumente kufuneka aboleke imali ukuze akwazi ukuqinisekisa ukuba uyakwenza konke afanele ukuba akwenze. Inkcitho karhulumente ngakumbi kwinkonzo ezinceda abantu abasokolayo, nee nkqubo zemisebenzi ka wonke-wonke zisezakuqhubekeka. Urhulumente uzakuchita imali engaphaya kwebhiliyoni eziyi 780 kule minyaka mithathu izayo, esakha izinto ezifana neendlela, imizila yoo loliwe, izindlu nee nkonzo zokuzisa amanzi eluntwini. Singurhulumente-sizaku sebenzisana nemibutho yabasebenzi kunye noo somashishini ukuzama ukugcina izinga lokulahlekelwa kwabantu yimisebenzi liphantsi.

Amazwe amaninzi akakwazi ukuzenza ezi zinto, kanti thina apha emzantsi afrika siyakwazi ukuzikhusela yaye sikhusele nabantu abahluphekayo kuba kwiminyaka engaphambili, ngexesha imeko yethu yezoqoqosho ibintle sayigcina yaye sayiphatha ngendlela encomekayo imali yethu.

**Ezona ndawo zizakufumana imali ethe chatha kolu lwabiwo mali zezi:**

- 12 bhiliyoni iya kwi nkam-nkam
- 45 bhiliyoni yongezelwe amaphondo ukuzama ukuphucula ezemfundo, ezempilo, iindlela nokuphucula iilali
- 10.9 bhiliyoni yeyokwakha izindlu, ukuzisa amanzi ebantwini, inkonzo zangasese kunye nokuphucula inkonzo zomasipala
- 5.4 bhiliyoni izakukhawulelana nokuphucula iinkonzo zokulwa ubundlobongela
- 6.4 bhiliyoni iya kwezothutho lukawonke-wonke, iindlela kunye nemizila yoo loliwe

Kuzakuba nzima kurhulumente ukuhlangabezana nengxaki zomntu wonke nangona ezama kangangoko anako. Abasebenzi baka rhulumente kufuneka bahlale bekhumbula ukuba, wonke umntu unelungelo kwizinto zase mzantsi afrika. Sonke sinendima esingayidlala ekuqinisekiseni ukuba imali ayimoshwa ngabasebenzi bakarhulumente. Kufuneka sisebenzisane ukuze sikwazi ukuphucula imeko yeli yezoqoqosho.



## Imisebenzi eyongezelelweyo ka wonke-wonke



Inkqubo yee nkonzo zemisebenzi ka wonke wonke yaqala ngo 2004/05. Le nkqubo sele idale amathuba emisebenzi engaphaya kwe 70 000 encede abantu abanemfundo ephantsi ebebengaphangeli.

Le misebenzi ayisosigxina kodwa ikwazile ukunceda abantu yaye yabashiya benezakhono ezithile.

Urhulumente uzakuqala elinye inqanaba lalemisebenzi ze achithe imali engaphaya kwe 4.1 bhiliyoni. La mathuba emisebenzi azakudalwa kulamacandelo alandelayo:

- Abantu abongelwa ekhaya, iinkqubo zasekuhlaleni kunye nezempilo
- Ulwakhiwo nokuphucula ezendalo
- Inkqubo ezintsha eziphethwe zicawe, amaziko asekuhlaleni namaziko angafumani mbuyekezo ngomsebenzi wawo.

Urhulumente uzimisele ukudala amathuba emisebenzi engaphaya kwe 400 000 ngonyaka ka 2014 ukuze akwazi ukulwa ukunqaba kwemisebenzi nentlupheko.

## Urhulumente wandisa iinkam-nkam

Kungoku nje urhulumente unceda abantu abayi 13 miliyoni nge nkam-nkam. Le nkam-nkam ke inceda ekuhliseni izinga lentlupheko kubantwana, abantu abakhubazekileyo kunye nabantu abadala.

Bonke abantwana abaneminyaka elishumi elinesihlanu nangaphantsi abanabazali abamkela imali engaphantsi kwe R2 300 ngenyanga banelungelo lokufumana inkam-nkam. Abantu abango tata abaneminyaka engaphezulu kwamashumi amathandathu anesithathu kunye noo mama abaneminyaka engaphezulu kumashumi amathandathu nesithathu ukuba bamkela ngaphantsi kwe mali ethile ngenyanga.

Iminyaka abathi abantu abango tata bafumane ngayo inkamnkam izakwehliswa iyokuba yiminyaka engamashumi amathandathu ananye ngo Epreli kulo sikuwo ze, ngo Epreli wonyaka ozayo ihle iqale kwiminyaka engamashumi amathandathu. Inkam-nkam ke izakwenyuswa ngoluhlobo ukususela ngo Epreli kulo umiyo:

- Eyabantu abadala, abakhubazekileyo kunye nabongiwa emakhaya, izakwenyuka nge R50, ize ibe yi R 1 010 ngenyanga
- Eyokuncedisana nabantwana izakwenyuka nge R10 iyokuba yi R240 ngenyanga
- Isibonelelo sabantu abagcina abantwana abangengobabo sona sinyuka nge R30 lo nto ithethe ukuba ngoku siza kuba yi R680



Kulo umiyo ukuya kutsho kunyaka ozayo, inkcitho karhulumente kwi nkam-nkam izakwenyuka iyokuba yi R80 bhiliyoni. Oku ke, kwenza umzantsi afrika ubelelona lizwe lichitha imali eninzi kwi nkam-nkam.

## Utyalo mali kwezothutho luka wonke-wonke

Enye yezinto ezashiywa lucalucalulo yindlela izixeko ezakhiwe ngayo, ngoba abasebenzi bahlala kude kunendendawo abaxelenga kuzo. Ukuzama ukulungisa oku, urhulumente utyala iibhiliyoni eziliqela ekuphuculeni ezothutho luka wonke-wonke.

Olu tyalo mali luzakunceda ekwakheni imizila yoololiwe, ukuthenga oololiwe abatsha, lwangeze iibhasi, yaye luqinisekise ukuba azikho ezindleleni iitaxi ezingekho mgangathweni.

Kwiminyaka emithathu ezayo urhulumente uzakuncedisa nge R25 bhiliyoni kwi Rail Commuter Corporation ukuze bathenge oololiwe abatsha bongeze nemizila emitsha. Ukuzama ukukhawulenana nee ngxaki zokhuseleko nokungahambi ngexesha koo loliwe urhulumente wandisa imali kwicandelo loNogada boo loliwe.

Ukuzama ukuxhasa inkqubo yeebhasi ezikhawulezayo izixeko ezikhulu zizakufumana iR12 bhiliyoni kwiminyaka emithathu. Inkqubela seyibonakala eGoli apho baceba ukusebenzisa iR1.2 bhiliyoni kwi *Rea Vaya* ngoJuni kulo umiyo. Isixeko saseKapa sona sisandula ukukhupha isicelo esingange R600 million esimayelana nale nkqubo.

Amashishini eebhasi azakufumana imali eyongezelelweyo ezakukhawulelana namanami abakhweli anyukileyo. Kuzakusetyenziswa i R350 million ukuzama ukususa amagxoko-gxoko eetaxi ezindleleni. Kwiminyaka emithathu ezayo kulindeleke ukuba kususwe iitaxi ezingaphaya kwe 17 000.

Olu lwabiwo mali luquka nemali ebekelwe ukuphucula iindlela zasezilalini.

## Amagqabantshinsthi olwabiwo mali

### Amagqabantshintshi olwabiwo mali

### Kwezo qoqosho

- Kuqikelelwa ukuba kulo nyaka izinga lokukhula kwezoqoqosho lizakuba yi 1.2 yeepesenti ze ngo 2011 libe zii pesenti ezine
- Izinga lamandla emali lizakuhla liyokufika kwi pesenti eziyi5.8 kulo nyaka
- Kule minyaka mihlanu izayo ingaphaya kwee bhiliyoni eziyi 780 imali ezakuchithwa kuphuhliso khona ukuze azoxhamla umphakathi jikelele
- Urhulumente uzakushota ngee pesenti eziyi 3.3 ngo 2009/10 ze kubengcono ngo 2011/12 xa eshota nge 1.9 yee pesenti
- Inkcitho karhulumente inyuke ngee pesenti ezintlanu kulonyaka

### Inkcitho kwinkozo zoluntu
### Olona tshintsho luphambili kule minyaka mithathu izayo

- iR24.8 bhiliyoni iya kumaphondo ukwenzela ukunyusa iinkonzo zempilo nezemfundo
- iR4 bhiliyoni kwinkqubo eyondla abantwana ezikolweni
- iR2.1 bhiliyoni yongezelelwe kurhulumente wamaphondo ukwenzela ukwakha nokuphucula izakhiwo nobuxhakaxhaka beendlela
- iR600 miliyoni iya koo masipala ukwenzela ukwandisa iinkonzo zasimahla zoluntu
- iR3.7 bhiliyoni yongezelelwa ukwandisa ulwakhiwo lwezindlu.
- iR932 miliyoni yongezelelwe ukulwa ugawulayo
- iR5.4 bhiliyoni yeyokulwa ubundlobongela nobuxhakaxhaka bo matshini
- iR12 bhiliyoni yongezelelwe inkam-nkam necandelo elilawula inkam-nkam
- iR6.4 bhiliyoni iya kwinkonzo zothutho zika wonke wonke
- iR700 miliyoni ityalwe kuphuhliso lweelali

### Inguqu kwi rhafu

- iR13.6 bhiliyoni yesibonelelo kwirhafu kuquka nesibonelelo kwinkcitho
- Irhafu kwi petroli ne dizili zinyuka nge 40.5 ne 41.5 yesenti ilitha
- Ixabiso le pakethi yezigarethi lizakunyuka nge senti eziyi 88
- Ixabiso lebhotile ye wayini eyi 750 ml linyuka ngeesenti eziyi 10.5
- Inkonxa eyi 340ml ye bhiya inyuka ngee senti ezisixhenxe
- ibhotile yotywala (ispiriti okanye ibranti) inyuka nge R3.21
- Irhafu ebhatalwa kwi plastiki inyuka nge senti enye iplastiki